
# Idolophu

UVuyo noNomsa babehlala edolophini.

Igama le dolophu kuseKlipplaat.

Uvuyo noNomsa babehlala endlwini

eKlipplaat.




# UNomkitsi

UNomsa wayenekati.


Igama lekati yayinguNomkitsi.

UNomkitsi wayeyikati kaNomsa.




UNomkitsi wayeyikati entle.

UNomsa wenza ukutya.



IKati yayihleli kwaye ibukele.



Ikati ihleli emetini.

Yayihleli kwaye ibukele.


“Yiza, Nomkitsi,” watsho UNomsa.

Wabeka ukutya phantsi. 

“Yiza, Nomkitsi,” watsho.


Ikati yaza.

Yadla ukutya.



Ikati yayihleli emetini.

Yalala.



# UVusumzi





UVuyo wayenenja.

Igama lenja yayinguVusumzi.

UVusumzi wayeyinja kaVuyo.

UVusumzi wayeyinja efanelekileyo.





UNomsa wayesekhaya.

UVuyo noVusumzi bangena.

UNomsa wenza iti.

UVuyo wayehleli.




Wayesela iti.

Iti yayimnandi.

"Enkosi, Nomsa," watsho uVuyo.

UNomsa wenza ukutya kwenja.

Wabeka ukutya phantsi.




Inja yaza yadla.

Ukutya kwakumnandi.

UVuyo waphakama.


"Enkosi, Nomsa," watsho.

"Yiza, Vusumzi."



# ULolo






UVuyo noNomsa

babenomntwana.


Igama lentombazana yayinguLolo.

UNomsa wayengunina kaLolo.

UVuyo wayenguyise kaLolo.




ULolo wayelele.




Ikati yangena.

Elele ebhedini.



UNomkitsi noLolo balele ebhedini.

Babelele.



UNomsa wangena.

Wabona ikati nomntwana ebhedini.

ULolo wayelele kakuhle.

UNomsa wavuya.


# Indlu yaseKlipplaat



UVuyo noNomsa babehlala eKlipplaat.


ULolo wayengumntwana

kaVuyo noNomsa.




Wayehlala endlwini eKlipplaat.

UVusumzi yayiyinja kaVuyo.



Yayihlala endlwini eKlipplaat.

UNomkitsi yayiyikati kaNomsa.



Yayihlala endlwini eKlipplaat.

UVuyo noNomsa noLolo noNomkitsi

noVusumzi babehlala ndawonye

endlwini eKlipplaat.

